PIETER BADENHORST PROFESSIONAL SERVICES CC

PO Box 1058
Wellington 7654

DATE: 17 Matshi 2015

REF: Imbekiselo yeSicelo se-DMR: EC10025MR

Iya: Kumnini nomqeshi

ISICELO SOGUNYAZISO LWEMEKO ESINGQONGILEYO, IMPEMPHA-MVUME YOLAWULO LWENKUNKUMA, NEMPEMPHA-MVUME YOKUKHUTSHWA KOMOYA KUNYE NEMPHEPHA-MVUME EHLANGANISIWEYO YOKUSEBENZISA AMANZI YEPROJEKTHI ECETYWAYO YE-XOLOBENI MINERAL SANDS, KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI

ISIMEMO SOKUBHALISA NJENGOMNTU ONOMDLA NOCHAPHAZELEKEKAYO NOKUNIKELA IZIMVO KWINGXELO YOMDA YOYILO LWE-EIA

I-Transworld Energy and Minerals Resources (SA) (Pty) Limited (TEM) iye yafaka isicelo smalungelo okumba kwe-Xolobeni Mineral Sands Project kuMmandla waseXolobeni eMpuma Koloni. Njengenxalenye yesicelo seLungelo loMgodi ngokwemiqathango ye-Minerals and Petroleum Resources Development Act, 2002 (Inomb. yoMthetho wama-28 ka-2002), kunye neMigaqo yoHlalutyo lokuChaphazeleka kokusiNgqongileyo kwe-NEMA 2014, i-TEM ifuna uGunyaziso lokusiNgqongileyo, iMphepha-mvume yoLawulo lweNkunkuma (WML), iMphepha-mvume yokuKhutshwa koMoya (AEL) neMphepha-mvume Ehlanganisiweyo yokuSebenzisa Amanzi (IWULA). Inkqubo yoMdao noHlalutyo lokuChaphazeleka kokusiNgqongileyo (S&EIA) siza kwamkelwa. Izicelo ze-WML, i-AEL ne-IWULA ziza kufakwa kungekudala.

IkwiPhondo laseMpuma Koloni; malunga ne-250 km emzantsi-ntshona waseThekwini kwaye malunga ne-60 km emzantsi-ntshona waseMbizana ne-30 km entshona-mzantsi wasePort Edward, uphuhliso olucetywayo luza kuquka ukwambiwa nokuhlalutywa kwezambiwa ezinzima ezahlukeneyo ukuze zithunyelwe kwelinye ilizwe. Ukongezelela kwizibonelelo ezilulutho zomgodi, uphuhliso lomgodi olucetywayo kananjalo luza kudinga izibonelelo ezilulutho ezixhasayo njengeendlela eziphakathi, iintambo zombane, nokurhola amanzi nezibonelelo ezilulutho zokusasaza.

I-Pieter Badenhorst Professional Services iye yanyulwa njengegcisa elizimeleyo lokusingqongileyo (EAP) elinoxanduva lezicelo zoGunyaziso lokusiNgqongileyo, i-WML, i-AEL ne-IWULA.

Igama lakho liye lafunyanwa kwinkqubo yokuthatha inxaxheba yoluntu edlulileyo. Nceda uphawule ukuba oku ASIKOKUBHALISA njenge-I&AP kwesi sicelo. Ukuba ungathanda ukubhalisa njenge-I&AP kule projekthi yangoku, nceda ufake igama lakho, idilesi yeposi, idilesi ye-imeyile kuquka nendlela oyikhethayo yonxibelelwano nomdla kwi-EAP. Kwixa elizayo, unxibelelwano luza kusasazwa kwii-I&AP ezibhalisiweyo.

Ingxelo yoMda yoYilo ye-EIA iyafumenaka ukuze ihlolwe luluntu luze luhlomle ukususela nge-18 Matshi 2015 ukuya nge-18 Aprili 2015. Uxwebhu luyafumaneka kwezi webhusayithi zilandelayo: i-pbpscon.co.za kananjalo nezi ndawo zoluntu zilandelayo:

Indawo yoLuntu neendawo
Ithala leencwadi lasePort Edward

Tel: 021 8737228 Fax: 0866721916 Cell: 0827763422 Email: pbps@iafrica.com | CC Owner: P Badenhorst CC Nr: 97/33840/23

Ithala leencwadi laseMonti
Ithala leencwadi laseMthatha
Ithala leencwadi laseBizana
Isikolo samaBanga aphezulu iNaledi, uMmandla weSizwe saseXolobeni
Isikolo saphambi kwamaBanga aphantsi, uMmandla weAmadiba (Kananjalo indawo yentlanganiso ngo-8:00 ukuya ngo-11:00 nge-8 Aprili 2015)
Igunya lesizwana saseMgungundlovu (ummandla weAmadiba); (Kananjalo indawo yentlanganiso ngo-13:00 ukuya ngo-16:00 nge-8 Aprili 2015) Isikolo samaBanga aphezulu esiseZantsi saseMthayise Ummandla weAmadiba: (Kananjlo indawo yentlanganiso ngo-8:00 ukuya ngo-11:00 nge-9 Aprili 2015)
Igunya leSizwe leAmadiba; (Kananjalo indawo yentlanganiso ngo-8:00 ukuya ngo-11:00 nge-9 Aprili 2015)
I-Bizana Youth Centre (eDolophini yaseBizana; (Kananjalo indawo yentlanganiso ngo-10:00 ukuya ngo-13:00 nge-10 Aprili 2015)

Ezi zenzo zilandelayo zidwelisiweyo ziqukiwe njengenxalenye yesicelo:

Reg 983 Listing Notice 1:	**Reg 984 Listing Notice 2:**	**Reg 985 Listing Notice 3:**
9, 10, 11 , 1213, 14, 15, 16, 17, 18, 19, 21, 22, 24, 25, 27, 28, 30, 45, 46, 48, 50, 56	6, 15, 16,17, 19, 21, 28	2, 4, 10, 12 18

Lonke unxibelelwano lufanele luthunyelwe kwi-EAP engazantsi.

I-EAP: PB Professional Services PO Box 1058 Wellington 7654	Iselfowuni: 082 776 3422 Ifeksi: 0866721916 I-imeyile: xolobeni@key360.co.za Okanye uye ngqo kwiwebhusayithi www.pbpscon.co.za

Ukuze uqinisekise ukuba uyaziwa ukuba ungumntu onomdla yaye/okanye ochaphazelekayo (I&AP) nceda ufake ifama lakho, iinkcukacha zoqhagamshelo, umdla wakho kulo mba nezimvo zakho kwi-EAP ngaphambi kuka-17:00 nge-18 Aprili 2015.